



Western Cape
Government

Western Cape
Gambling and Racing Board

Wes-Kaapse Raad op Dobbelary en Wedrenne • Ibhodi Yelentshona Kapa
Yokungcakaza Ngemali Neyemidyarho

**IMANYUWALI NGOKWEMIBA
YECANDELO LE14
LOMTHETHO WESI2 KA2000
WOKUKHUTHAZWA
KOKUFIKELELA KULWAZI,
OHLAZIYIWEYO**

01 SEPTEMBER 2025

ISIQULATHO

1.	INTSHAYELELO	4
2.	IIMFUNO ZECANDELO LE14 LEPAIA	4
2.1	UBUME BE-WCGRB	4
2.1.1	I-WCGRB.....	4
2.1.2	IGOSA ELIYINTLOKO KULAWULO	4
2.1.3	IIKOMITI ZEWCGRB.....	5
2.1.4	AMASEBE EWTCGRB	5
2.1.5	IZIKHUNDLA ZE-WCGRB	6
2.2	UKUSEBENZA NAMANDLA	6
3.	IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO	7
4.	UMKHOMBANDLELA WOMLAWULI WOLWAZI (EMZANTSI AFRIKA) NGOKUMALUNGA NENDLELA YOKUSETYENZISWA KWE-PAIA KUNYE NENDLELA YOKUFUMANA UFIKELELO KULO MKHOMBANDLELA... 8	
5.	UKUFIKELELA KUMAXWEBHU AGCINWE YIWCGRB.....	9
5.1	INQUBO YOKUCELA	9
6.	AMANQANABA AMAXWEBHU AGCINWE YIWCGRB.....	10
6.1	AMAXWEBHU ANOKUCELWA.....	10
6.2	AMAXWEBHU AFUMANEKA LULA NGAPHANDLE KOKWENZA ISICELO	11
6.2.1	AMAXWEBHU EKUMELE AHLOLWE	11
6.2.2	AMAXWEBHU OKUTHENGA OKANYE OKWENZA IIKOPI	11
6.2.3	AMAXWEBHU ANGAHLAWULWAYO	12
7.	IINKCUKACHA EZINXULUMENE NE-POPIA	12
8.	IINKONZO EZINIKEZELWA YIWCGRB NJENGEKANDELO LOLUNTU	15
9.	IINKQUBO ZOKUTHATHA INXAXHEBA KOLUNTU UKWAKHA UMGAQONKQUBO OKANYE UKUSEBENZISA AMANDLA NENDLELA YOKUSEBENZA (IMISEBENZI).....	16
10.	IINDLELA EZIKHOYO ZOKULUNGISA IMIBA YOKUNGAHAMBELANI NEPAIA	17
11.	UKUFUMANEKA KWEMANYUWALI.....	17
12.	INTLAWULO EMISELWEYO – IMIBUTHO YOLUNTU	17
	ISIHLOMELO A	18
	IINGCACISO	18
	FORM 1: REQUEST FOR A COPY OF THE GUIDE	20
	FORM 2: REQUEST FOR ACCESS TO RECORD	22
	FORM 3: OUTCOME OF REQUEST AND OF FEES PAYABLE.....	26

FORM 4: LODGING OF AN INTERNAL APPEAL.....	29
FORM 5: LODGING OF COMPLAINT	32
ISIHLOMELO B	39
IINTLAWULO	39
ISIHLOMELO "SEMITHETHO"	40
IIREKHODI EZIGCINWA NGOKWEMINYE IMITHETHO.....	40

1. INTSHAYELELO

UMthetho ka2000 wokuKhuthaza ukuFikelela kuLwazi ("iPAIA") (UMthetho wesi2 ka2000), ohlaziyiweyo, wapapashelwa ukunika umgaqosiseko ifuthe lokufikelela kulwazi olugcinwe nguRhulumente okanye ngomnye umntu, lwazi olo lufunekayo ukuze kusebenze okanye kukhuselwe nawaphi na amalungelo. Eli lilungelo eliqukwe kwiCandelo lama32 loMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika, ka1996.

IBhodi yokuNgcakaza neMidyarho eNtshona Koloni ("i-WCGRB") liZiko (3C) loNcedisoQoqosho loRhulumente elibhaliswe ngokwemigaqo yoMthetho woLawulo lweMali, ka1999 (Umthetho woku1 ka1999), njengoko ohlaziyiweyo ("PFMA"). I-WCGRB yasekwa ngokoMthetho wokuNgcakaza neMidyarho yeNtshona Koloni, ka1996, njengoko uhlonyelwe ("Umthetho") kwaye ngokweCandelo le14 lePAIA kwaye inyanzelekile ukuba ibe nemanuwali ebhaliweyo malunga neenkukacha kunye nolwazi ogcinwe yiWCGRB.

Eyona njongo ingundoqo weWCGRB kukulawula yonke imisebenzi yokungcakaza, imidyarho kunye nezinto ezenzeka kwiPhondo leNtshona Koloni kwaye izigqibo zixhomekeke kuMthetho womgaqonkqubo okhutshwa liBhunga eliLawulayo. I-WCGRB inoxanduva lokumisela ukuthembeka kuluntu kunye nokuthemba ukuba ukungcakaza kwiPhondo kuqhutywa ngaphandle kwezenzo zorhwaphilizo nokophula umthetho kunye nokungcakaza okungekho mthethweni nemicimbi yemidyarho.

2. IIMFUNO ZECANDELO LE14 LEPAIA

2.1 UBUME BE-WCGRB

2.1.1 I-WCGRB

Ngokwemiba ephathelene nalo Mthetho, aMalungu eWCGRB aqeshwa okwethutyana liBhunga eliLawulayo ngokuhambelana nenkqubo emiselweyo. Kwenziwa isibonelelo senkqubo yokuthatha inxaxheba koluntu ekutyunjweni kwabagqatswa njengamalungu eBhodi.

Ngokwemiba ephathelene nalo Mthetho, iWCGRB inamalungu asixhenxe (angenamandla olawulo), aza kuba ngabantu abafanelekileyo abanolwazi namava afanelekileyo. UMphathiswa wezeMali wePhondo ubeka, ekhetha kumalungu eWCGRB, uSihlalo noSekela-Sihlalo. Amalungu eBhodi atyunjelwe ixesha elingaphezulu kweminyaka emine (4), asenokukhethwa ukuba asebenze unyaka omnye owongezelelweyo (1) liBhunga eliLawulayo.

2.1.2 IGOSA ELIYINTLOKO KULAWULO

IGosa eliyiNtloko kuLawulo ngumntu oqeqeshelwe lomsebenzi nonamava, oqeshwe yi-WCGRB ukuncedisa i-WCGRB ukuba ifezekise igunya layo lowiso-mthetho. IGosa eliyiNtloko kuLawulo liphendula kwi-WCGRB mayela nale miba:

- (i) Imisebenzi yeWCGRB eqhubeka imihla yonke;
- (ii) Indlela yokusebenza ngoxanduva lwemali yonke, ulawulo nokubhala kushicilelewa yonke imisebenzi yeWCGRB.

2.1.3 IIKOMITI ZEWCGRB

I-WCGRB, ngokweCandelo le11 loMthetho, yaseka iikomiti ezincinci isebenzisa amalungu ayo ukuze ongamele imicimbi engqale nemiba enxulumene nolushishino lokungcakaza kumacandelo ohlukeneyo. I-WCGRB ibeka usihlalo ngamnye kwiKomiti ethile. IiKomiti zisebenzisa igunya lamandla ngokwezibonelelo zoMthetho weWCGRB njengoko zingaphixani nezibonelelo ezo. I-WCGRB yenze ulungiselelo and changed to ulungiselelo ngokuthatha iTshata yekomiti encinci ebonisa iziphakams[i]o nezindululo zayo. IiKomiti zeWCGRB zezi zilandelayo:


- (i) Ikomiti Yophicothoncwadi;
- (ii) Ikomiti Yemali, ubuChwephesha boLwazi neeNdlela zokuziPhatha;
- (iii) Ikomiti Yomdyarho wamahashe;
- (iv) Ikomiti Ejongene NoMatshini Ohlawula Imali engephi;
- (v) Ikomiti yeKhasino;
- (vi) Ikomiti Ejongene Nobakho Kwabantu Bokusebenza; kunye
- (vii) NeKomiti Esebenza Ngeelayisenisi
- (viii) Responsible Gambling Committee (Ikomiti Yokungcakaza ngenkathalo)

2.1.4 AMASEBE EWCGRB

I-WCGRB inamasebe amaninzi awohlukeneyo ayincedisayo ukunika ifuthe kwizindululo zomthethommiselo nezindululo ezingendlela yokusebenza kwegunya lamandla ayo nemisebenzi. Amasebe ame ngolu hlobo:

- (i) I-Ofisi yeGosa EliyiNtloko yoLawulo
- (ii) Isebe Leenkonzongomthetho
- (iii) Isebe Lengqesho nemisebenzi
- (iv) Isebe Lolawulo neMali
- (v) Isebe Elijongene nokusebenza ngeMiqhathango
- (vi) Isebe Elisebenza Ngeelayiyisenisi
- (vii) Isebe Lengxelo Nobuxhakaxhaka (IT).

2.1.5 IZIKHUNDLA ZE-WCGRB



2.2 UKUSEBENZA NAMANDLA

I-WCGRB yasekwa ngenjongo enondoqo okukulawula nokumisela imiqathango ephathelene nokungcakaza kunye nemidyarho neminye imisebenzi eyayamene noko eNtshona Koloni. Imisebenzi kunye namandla ayo aboniswe kwiCandelo le12 loMthetho. Ukushwankathela umsebenzi, amandla egunya nendima ye-WCGRB eyile: Ukwenza isimemo sokufakwa kwezicelo zelayisenisi yokungcakaza ngokwemiba yoMthetho:

- (i) Ukumema izicelo zeelayisenisi ngokwalo Mthetho;
- (ii) Ukufumana ulwazi nokuphanda izicelo zelayisenisi kuzwelonke nephondo;
- (iii) Ukukhutshwa kwelayisenisi kuzwelonke nephondo kubantu abaqeqeshelwe loo nto okanye abafanelekileyo, kuxhomekeke kwiimeko ezibonwa zifanelekile yiWCGRB;
- (iv) Kuphandwe nzulu ngokufaneleka kunye nomdla wabantu ukufumana iilayisenisi okanye ishishini elihambelana nelayisenisi;
- (v) Ukuqhuba iinkqubo zokumamela amatyala nokuphanda ngeelayisenisi okanye ngokuhambelana nemiba yeWCGRB ekufuneka ibhaliswe ngokwemiba yoMthetho;
- (vi) Ukuqinisekisa ukuqhuba ngokusebenza ngokuthobela imithetho elawula ukukhutshwa kwelayisenisi, ngokuhlululisa umdliwo osisixamali esithile kulowo ungathobeli mithetho njengoko iWCGRB ibona kufanelekile, kwimiba yokuphazamisana nomthetho;
- (vii) Ukukhusela uluntu ekungcakazeni okungekho mthethweni nokuqinisekisa ukumisela /ukuqinisekisa ukuthembela koluntu kungcakazo olusemthethweni;

- (viii) Ukufumanisa izezo zokungcakaza ngokungekho mthethweni ukuqinisekisa ukuba ababandakanyekayo bayatshutshiswa;
- (ix) Kulawulwa, kubhalwe, kubalwe kuze kuqokelelwe irhafu nemali eyinzuzo kwingeniso yephondo nazo zonke imali eziyinzuzo njengoko kuchaziwe nguMthetho;
- (x) Kuqhutywe uphando oluqhubekayo ngokungcakaza nemidyarho kwiPhondo lonke nakwezinye iindawo ukuqinisekisa ukuba ibonwa kwangethuba imiba engagqibelelanga neziziphene kulo Mthetho, neendlela zokusebenza ngolawulo lweWCGRB;
- (xi) Kumiselwe iimeko zemiqathango efanelekileyo ngokukhutshwa kweelayisenisi ukuze kusetyenzwe kakuhle;
- (xii) Azimase iiforam zolawulo lomthetho neenkomfa ukuze kugcinwe ulwazi olungqamene nophuhliso oluqhubayo kolu shishino
- (xiii) Asebenzise onke amandla egunya ngokubanzi, enze imisebenzi echazwe nguloMthetho kuze kukhutshwe nawuphi na umthetho ongomnye.

3. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO

IBhodi yokuNgcakaza neMidyarho eNtshona Koloni

- **Igosa loLwazi: Mnu. Primo Abrahams (Igosa Eliyintloko)**
I-imeyile: primo@wcgrb.co.za / ceo@wcgrb.co.za
- **Isekela leGosa loLwazi: Nkskz Liezel Hartman**
Imeyile: liezel@wcgrb.co.za

Uluhlu lwamagama amanye amaSekela amaGosa oLwazi lunokufumaneka kwiwebhusayithi yeWCGRB apha: www.wcgrb.co.za phantsi kwesihloko esithi Izaziso

- **INombolo yoBhaliso yoMlawuli woLwazi – 20321/2021-2022/IRRTT**
- **Idilesi yesitrato:** 24 Fairway Close
Fairway Terraces
Parow
7500
- **Idilesi yePosi:** PO Box 8175
Roggebaai
8012
- **Ifowuni:** (021) 480 7400
- **Ifeksi:** Ayikho
- **IWebhusayithi:** www.wcgrb.co.za

4. UMKHOMBANDLELA WOMLAWULI WOLWAZI (EMZANTSI AFRIKA) NGOKUMALUNGA NENDLELA YOKUSETYENZISWA KWE-PAIA KUNYE NENDLELA YOKUFUMANA UFIKELELO KULO MKHOMBANDLELA

- 4.1 Umlawuli woLwazi (waseMzantsi Afrika) uthe ngokukhokelwa koko kubekwe kwiCandelo le10 lePAIA wahlaziya uMkhombandlela wePAIA (Lo “Mkhombandlela), nobuqale waqulunqwa yiKomishoni yamaLungelo yoMzantsi Afrika (“iSAHRC”) ngokubhekiselele ekusetyenzisweni kwePAIA.
- 4.2 Lo Mkhombandlela unolwazi olukhokela abantu malunga nendlela yokusebenzisa nawaphi amalungelo achatshazelwe kwiPAIA nePOPIA, yaye ukwacacisa neenkqubo zokunika umkhombandlela kubantu (umz. abanininkcukacha) malunga nendlela umntu anokufikelela ngayo kwiinkcukacha zakhe ngokweCandelo lama23 lePOPIA.
- 4.3 Lo Mkhombandlela uyafumaneka ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni zaseMzantsi Afrika kule webusayithi yoMlawuli woLwazi (eMzantsi Afrika): <https://justice.gov.za/infoereg/docs.html>. UMKhombandlela lo ungaphinda ufumaneka nakwiGazethi kaRhulumente, yaye nawuphi omnye umntu angacela ikopi yalo Mkhombandlela kuMlawuli woLwazi ngokuthi agcwalise iFomu 1 emiselweyo ebekwe phantsi kwesiHlomelo “A”.
- 4.4 Uluntu ngokubanzi lungawufunda okanye lwenze iikopi zalo Mkhombandlela ngethuba leeyure eziqhelekileyo zomsebenzi, oko lukwenza kwii-orisi zeWCGRB (nalapho ufumaneka ngesiNgesi nesiBhulu), okanye kwiofisi yoMlawuli woLwazi (nalapho ifumaneka ngolwimi ngolwimi ngalunye olusemthethweni).
- 4.5 Ukuba unayo nayiphi na imibuzo malunga nalo Mkhombandlela, nceda uqhagamshelane ngqo noMlawuli woLwazi apha:

- **IGosa loLwazi:** Mnu. Mosalanyane Mosala (uMlawuli oyiNtloko)
Umntu ekuQhagamshelwana naye: Nkosk. Pfano Nenweli
I-imeyile: PNenweli@justice.gov.za
- **ISekela leGosa loLwazi:** Nkosk. Varsha Sewlal
I-imeyile: VarSewlal@justice.gov.za
- **Idilesi yeNdawo:** JD House, 27 Stiemens Street
Braamfontein
Johannesburg
2001
- **Idilesi yePosi:** P.O Box 31533
Braamfontein
Johannesburg
2017
- **Ifowuni:** 010 023 5200
- **I-imeyile yemibuzo gabalala:** infoereg@justice.gov.za.
- **I-imeyile yezikhalazo:** complaints.IR@justice.gov.za

5. UKUFIKELELA KUMAXWEBHU AGCINWE YIWCGRB

5.1 INQUBO YOKUCELA

- 5.1.1 ICandelo le18 kwiPAIA licacisa inkqubo emiselwe ukulandelwa xa kusenziwa isicelo sokufikelela kulwazi olugcinwe liqumrhu loluntu. Kufuneka umceli asebenzise iifomu ezimiselweyo ezibekwe kwisiHlomelo “A” xa ecela ufikelelo kwirekhodi.
- 5.1.2 IFomu emiselweyo kufuneka ibhalwe ngesandla ingeniswe iqondiswa kwiGosa Lolwazi okanye IsekelaGosa Lolwazi, ngeposi, ngefeksi okanye nge-imeyile, ize ichaze banzi iinkcukacha ezimiselweyo nezithe zaboniswa kumhlathi we3 ongentla.
- 5.1.3 Kufuneka umceli anikezele ngolwazi olwaneleyo kumceli kunye namaxwebhu aceliweyo ukuze Igosa loLwazi likwazi ukufuwamana la maxwebhu.
- 5.1.4 Kufuneka umceli aphawule, ngokweSolotyama lama29(2) ePAIA, uhlobo lokufikelela olufunekayo.
- 5.1.5 Kufuneka umceli aphawule ukuba ukhetha abekoluphi ulwimi amaxwebhu awacelileyo.
- 5.1.6 Kufuneka umceli aphawule indlela anqwenela ukwaziswa ngayo ngesigqibo sesicelo sakhe nemiba ekhethekileyo ehambelana naso neyimfuneko ukuze aziswe ngexesha njengoko kufuneka.
- 5.1.6.1 Umceli uza kufumana ulwazi ngohlobo oluboniswe kwiCandelo lama29 (3) le-PAIA noludiza ukuba nangona ukufumaneka kolwazi kuxhomekeka ekuthini isicelo asizokuphazamisana kakubi kwaye sichaphazele ulawulo lwe-WCGRB, sibe yingozi kulondolozo lwamaxwebhu okanye lwaphule naliphi na ilungelo lokushicilela elingelilo elikaRhulumente
- 5.1.6.2 NgokweCandelo lama29 (4), ukuba ukufikelela kuhlobo lwefom eceliweyo kungaliwa ngokweCandelo lama29 (3), kodwa kungafikelelwa ngokusebenzisa enye ifom, intlawulo efunwayo akumelanga ibe nkulu kunesixamali esasidla ngokufunwa ekuqaleni kokufakwa kwesicelo.
- 5.1.7 Xa sisongeza kwimpendulo ebhaliweyo kwisicelo ukugcina iinkcukacha kwixwebhu, ukuba umceli ufuna ukwaziswa ngesigqibo nangayiphi na enye indlela, umceli kufuneka achaze ngokuthe ngqo indlela kwaye anikezele ngeenkcukacha ezifanelekileyo nezihambelana nesicelo aze aziswe ngokufanelekileyo.
- 5.1.8. Xa owenza isicelo, esenza isicelo solwazi egameni lomnye umntu, kufuneka anike ubungqina besikhundla namagunya amenza ancedise kweso sicelo senziwayo yaye ahlawule intlawulo ebekwe phantsi kwesiHlomelo “B”.
- 5.1.9 Isicelo esenziwe ngomlomo sokufikelela kumaxwebhu sinokwenziwa, ukuba umceli akakwazi ukufunda okanye ukhubazekile. IGosa Lolwazi kufuneka lizalise ifom esetyenziswa ngokusemthethweni egameni lomceli kwaye limnike ikopi yefom ezalisiweyo.
- 5.1.10 Umceli uza kwaziswa ngentlawulo emiselweyo, ecaciswe phantsi kwesiHlomelo “B”, ngaphambi kokuba isicelo siqwalaselwe ukuya phambili.

5.1.11 Isicelo selwazi, ngokweCandelo lama25 ePAIA siza kuqwalaselwa liGosa loLwazi kwisithuba seentsuku ezingama30 emva kokufumana isicelo okanye ngokukhawuleza, apho iGosa Lolwazi liza kwazisa umceli ngesigqibo salo.

5.1.12 ICandelo lama26 le-PAIA limisela iimeko apho ixesha elizintsuku ezingama30 ekubhekiswa kuzo kwiCandelo lama25, linokongezwa kube kanye ngeentsuku ezingama30.

5.1.13 Ukuba isicelo sokufikelela kumaxwebu sithe saliwa, salibaziseka okanye sanikezelwa ngokwentlawulo engafikelelekiyo okanye kwifom engamkelekanga, umceli angafaka isibheni ngaphakathi ngokweCandelo lama74 ePAIA. Eli candelo lama74 livumela izibheni ezichasene nesigqibo seGosa Lolwazi lequmrhu loluntu ekubhekiswa kulo kumhlathi (a) wenkcazo ye "ziko loluntu" kwiCandelo 1 lePAIA. I-WCGRB liziko loluntu njengoko kuchaziwe kumhlathi (b) wenkcazo yegama "loluntu jikelele" kwiCandelo loku1 lePAIA. Ke ngoko, akukho sibheni sangaphakathi sinokungeniswa ngokuchasene nesigqibo seGosa Lolwazi lebhodi yoluntu njengeWCGRB.

5.1.14 Jonga kwiCandelo le10 apha ngezantsi apho uya kufumana khona iindlela zokujongana noMceli kunye/okanye noMntu wesithathu okhalazela isigqibo seGosa loLwazi.

6. AMANQANABA AMAXWEBHU AGCINWE YIWCGRB

6.1 AMAXWEBHU ANOKUCELWA

NgokweCandelo le14 (1)(d), iWCGRB igcina lamaxwebhu alandelayo ukuze acelwe ngokusebenzisa iinkqubo zePAIA ukufaka isicelo:

ISEBE / IMISEBENZI	AMAXWEBHU
Isebe Eliyintloko: Iinkonzo Zomthetho	<ul style="list-style-type: none"> - Umthethommiselo weWCGRB ngokuNgcakaza - Iingqikelelo zoMgaqonkqubo - Izicelo zokufikelela kulwazi - Imbalelwano ngokusetyenziswa komthetho wangaphandle kweli candelo
Isebe Eliyintloko	<ul style="list-style-type: none"> - Amaxwebhu eenkcukacha eWCGRB NgeziGqibo Ngezisombululo Zezimvo Zoluntu - Imizuzu yeentlanganiso zeBhodi, ngokweCandelo le19 nele17 loMthetho
Isebe Lomlawuli OyiNtloko: Inqesho noLawulo Lwabasebenzi	<ul style="list-style-type: none"> - Ukupapasha izithuba zeWCGRB - Umgaqonkqubo Wokuqesha - Amaxwebhu eenkcukacha Ngabasebenzi
Isebe elijongene noLawulo neMali	<ul style="list-style-type: none"> - Uluhlu Lwabafake Izicelo zeziNikimaxabiso - Uluhlu Lwabawongwe ngeziNikimaxabiso - Umthethommiselo Ngonikezelo Lweenkonzo - Imibiko Yonyaka - Isicwangciso Esilicebo - Isicwangciso Esiyindlela Yokusebenza Ngonyaka

	- Ulwabiwo-mali kwiWCGRB ngokweNgqikelelo yoHlahlo-lwabiwomali, iNzuzo neNkcitho kwiPhondo sele ithiwe thaca kwiNdlu YowisoMthetho kwiPhondo
Isebe elijongene neeLayisenisi	- Ukuvavanywa kweekopi zezicelo zelayisenisi luluntu, inkcaso kunye neempendulo ezimayela nazo. - Ilayisenisi kunye neZiqinisekiso ezinemiqathango yelayisenisi (ngokuxhomekeke kwiCandelo le17 loMthetho kunye nezibonelelo zePAIA) ezikhutshwe yiWCGRB
Isebe Lokuthobela Imigaqo	- Ingxelo yophando lophicotho kwi ukugembula ngokungekho mthethweni

6.2 AMAXWEBHU AFUMANEKA LULA NGAPHANDLE KOKWENZA ISICELO

NgokweCandelo le15 lePAIA, la amxwebhu alandelayo ayafumaneka nje ngokulula ngaphandle kokuba umntu awacele phambi kokuba awafumane ngokwemiba yePAIA.

6.2.1 AMAXWEBHU EKUMELE AHLOLWE

- Umthetho Ngokungcakaza neMidyarho eNtshona Koloni
- Imithetho yeWCGRB:
 - Imithetho Yokusebenza Ngokuphawulwa kwencwadi;
 - Imithetho Yokuphelelisa;
 - Imithetho Ngokusebenza kweKhasino;
 - Imithetho Yokusebenza kweLPM;
 - Imithetho Ngendlela Yokusebenza kweMidyarho nokuBheja;
- IiLayisenisi zoNgcakazo, iziQinisekiso ZokuVunyelwa kunye neZiqinisekiso Zokulungela iimeko ezivelayo nezikhawulelana nezicelo zeelayisenisi apho zivela khona, nalapho kufanelekileyo, nezixhomekeke kwiCandelo le17 nezibonelelo zePAIA
- Izaziso Zoluntu.
- Imibiko Yonyaka yeWCGRB
- Uluhlu lwezixhobo Zokungcakaza ezivunyelwe yiWCGRB.

6.2.2 AMAXWEBHU OKUTHENGA OKANYE OKWENZA IIKOPI

- Umthetho Wokungcakaza neMidyarho eNtshona Koloni, Imiqathango neMithetho
- Imiqulu yeziNikimaxabiso yeWCGRB

- Izicatshulwa ezikhutshwa xa kuhlolwa iikopi zezicelo zelayisenisi zoluntu

6.2.3 AMAXWEBHU ANGAHLAWULWAYO

Ezi fomu zilandelayo zokufaka isicelo kunye neenkukacha ziyafumaneka ukuze ziprintwe kwiwebhsayithi yeWCGRB, zize iinkukacha zidweliswe phantsi komhlathi wesi3 ngasentla. Xa kunokwenzeka kufunwe iikopi eziphathekayo / ezingamaphepha kwiWCGRB, kuza kwenziwa intlawulo ngekopi enjalo.

- Imithetho Nemiqathango Yokungcakaza Nokubheja eNtshona Koloni
- Imithetho yeWCGRB:
 - Imithetho Esebenza Ukuphawula iincwadi;
 - Imithetho Epheleleyo;
 - Imisebenzi Esebenza kwiKhasino;
 - Imithetho Esebenza kwiLPM; kunye
 - Nemithetho Esebenza Kwimidyarho Nokubheja
- Iifom zezicelo (Ezitsha/Ezivuselelwayo) zeLayisenisi (kuquka ilayisenisi kuZwelonke), Iziqinisekiso Zokufaneleka, Iziqinisekiso Zokuvunyelwa, Ukunika amaxabiso Okuthenga neNzala yeMali, Iilayisenisi zabaqeshi
- Imibiko Yonyaka emayela neWCGRB
- Izaziso Zoluntu
- Isicelo Ngokufakwa Kwezicelo (RFA)
- Iifom Zokuveza AmaCandelo Oshishino Ukuqinisekisa Ukufanaleka Kwezicelo Zeelayisenisi Ezitsha Nokufumana Esifanelekileyo, Ukuvuselela Ilayisenisi Yesiza
- Isaziso sentengo/Enye intengiso yoMdlala weMali (iFom LPM 58)
- Isivumelwano eSikumgangatho Oqhelekileyo Nomlawuli weSayithi
- Ulwazi olufungelweyo malunga nokufakwa kwezicelo zelayisenisi nokufumana izicelo ezifanelekileyo, nelayisenisi zabasebenzi abohlukeneyo, isicelo esithintelwa kukuthandabuzeka kolwazi
- Iifom Zokuchaza banzi ngeMvelaphi – Umntu
- Ifom yokukwenza Ilayisenisi yeNdawo yokuNgcakaza
- Incwadi yeSiqinisekiso (LOC) ngokweMiqathango neMimiselo yokuNgcakaza
- Intlawulomali yokuNgcakaza
- Umkhombandlela Oyinkqubo yokufakwa kwemiba eChasa iZicelo ezibhengezwe ngezoSasazo

Akukho Saziso sipapashiweyo ngokwemiba yeCandelo le15(2).

7. IINKUKACHA EZINXULUMENE NE-POPIA

NgokoMthetho woKhuselo lweNkcukacha zoBuqu, uMthetho wesi4 ka2013 (“iPOPIA”), kufuneka sinike abanininkukacha ingcaciso yeenkcukacha zobuqu esizilungiselelayo kwanokuba kutheni sizilungiselela, kwanokuba sinokwabelana nabani ngezo nkcukacha, nalapho ezo nkcukacha zicaciswe apha ngasenzantsi:

Iinkcukacha zobuqu ezilungiselelwa yiWCGRB

Uhlobo lweenkcukacha zobuqu ezilungiselelwa yiWCGRB luya kuxhomekeka kwinjongo oluqokelelelwa yona.

I-WCGRB iya kuxela abanininkcukacha eqhuba ushishino nabo okanye abanxibelelana neWCGRB njengoMlawuli, ukuba kutheni kuqokelelwa iinkcukacha zabo zobuqu ize izilungiselele ezo nkcukacha zobuqu ngokwaloo njongo ziqokelelelwe yona kuphela, nto leyo iya kwenziwa phantsi kwezaziso ezicacileyo zolungiselelo zeWCGRB nezikwiwebhusayithi yayo.

Apha ngezantsi luhlu lweenkcukacha zobuqu ezilungiselelwa yiWCGRB, kuquka neluhlu abangena phantsi kwalo abanininkcukacha. Ezi nkcukacha zinikwa phantsi kweli candelo zijolise kwizintlu eziphangaleleyo zolwazi.

Olu luhlu aluphelelanga.

Abantu: amagama; iinkcukacha zoqhagamshwano; iidilesi zokuhlala nezeposi; umhla wokuzalwa; inombolo yesazisi; iinkcukacha ezinxulumene nerhafu; ubuzwe; isini; iimbalelwano eziyimfihlo.

Iqumrhu/ amaqumrhu anokumangala amangalelwe: amagama abantu ekunokuqhagamshelwana nabo; igama lequmrhu elisemthethweni; idilesi yokuhlala neyeposi kunye neenkcukacha zoqhagamshelwano; iinkcukacha zemali; inombolo yobhaliso; amaxwebhu asisiseko; iinkcukacha ezinxulumene nerhafu; abasayini abagunyazisiweyo; abaxhamli; abaninqumrhu abangqalileyo okanye abamayana.

Abantu/ amaqumrhu angaphandle: amagama; iinkcukacha zoqhagamshelwano; iidilesi zokuhlala nezeposi; iinkcukacha zemali; umhla wokuzalwa; inombolo yepasipoti; ubuzwe; isini; iimbalelwano eziyimfihlo; inombolo yobhaliso; amaxwebhu asisiseko; iinkcukacha ezinxulumene nerhafu; abasayini abagunyazisiweyo; abaxhamli; abaninqumrhu abangqalileyo okanye abamayana.

Umqhagamshelaisi/umcebisi: amagama omntu woqhagamshelwano; igama lequmrhu elisemthethweni; idilesi yokuhlala neyeposi kunye neenkcukacha zoqhagamshelwano; iinkcukacha zemali; amaxwebhu asisiseko; iinkcukacha ezinxulumene nerhafu; abasayini abagunyazisiweyo; abaxhamli; abaninqumrhu abangqalileyo okanye abamayana.

IziPhathamandla eziGunyazisiweyo – Abantu: amagama; iinkcukacha zoqhagamshelwano; iidilezo zokuhlala nezeposi; umhla wokuzalwa; inombolo yesazisi; iinkcukacha ezinxulumene nerhafu; ubuzwe; isini; iimbalelwano eziyimfihlo.

Iiifilim – Abantu / amaqumrhu: amagama omntu woqhagamshelwano; igama lequmrhu elisemthethweni; idilesi yokuhlala neyeposi kunye neenkcukacha zoqhagamshelwano; iinkcukacha zemali; amaxwebhu asisiseko; iinkcukacha ezinxulumene nerhafu; abasayini abagunyazisiweyo; abaxhamli; abaninqumrhu abangqalileyo okanye abamayana.

Abasebenzi, abaPhathi bamaCandelo, abaLawuli, amaLungu eeKomiti namaqela anxulumene noko: isini, imeko yokukhulelwa; imeko yomtshato; uhlanga, ubudala, ulwimi, iinkcukacha zemfundo; iinkcukacha zemali; imbali yengqesho; inombolo yesazisi; isizalwane; amagama abantwana, isini, ubudala, isikolo, ibanga, idilesi yokuhlala neyeposi; iinkcukacha zoqhagamshelwano; izimvo, indlela yokuziphatha ngokolwaphulomthetho kunye/okanye iirekhodi

zolwaphulomthetho; intlalontle; ubulungu bemanayo; imidla yorhwebo lwangaphandle; iinkcukacha zonyango.

Abasebenzisi beewebhusayithi / Abasebenzisi beepalikheyishini: amagama, idatha yokubaxela kwi-intanethi; idilesi yeIP; iinkcukacha zokungena kwiwebhusayithi (zokulogina); iziqokelelincukacha; idatha yolungiselelondawo kwielektronikhi; iinkcukacha zeselfowuni; idatha yeGPS.

Ukudluliswa kweenkcukacha zobuqu

I-WCGRB inokunika aba bantu balandelayo iinkcukacha zobuqu:

- Abalawuli;
- Abasebenzi;
- Abangcakazi;
- Amaqela achaphazelekayo;
- AbaLawuli bothotyelomthetho namaqumrhu karhulumente; kunye
- Nabanye abantu bangaphandle abanokuzidluliselwa

Olu luhlu aluphelelanga.

Udluliselo lweenkcukacha zobuqu ngaphaya kwemida yeli

I-WCGRB inokudlulisela iinkcukacha zobuqu esizilungiselelayo kubo nabaphi abasemagunyeni baphesheya esebenzisana nabo okanye abaniki beenkonzo bangaphandle esisebenzisana nabo kushishino nabankonzo okanye iimveliso zabo esikhetha ukuzisebenzisa. Iinkcukacha zobuqu zinokhutshwa naxa kuluxanduva lomthetho okanye ilungelo lomthetho ukwenza oko.

Ngokunxulumene noku, iWCGRB iya kuzama ukungena kwisivumelwano esibhaliweyo sokuqinisekisa ukuba elo qumrhu langaphandle liyayilandela iPOPIA kunye neemfuno zethu zobumfihlo nokuba sekhusini, okanye icele imvume / ugunyaziso kulo mninincukacha (kwabo baninincukacha) phambi kokuba kudluliswe ezo nkcukacha zobuqu.

Ingcaciso gabalala yeendlela zokukhusela ulwazi

I-WCGRB isebenzisa iindlela ezifanelekileyo zobuchwepheshe nezeziko ezijongene nokulahleka, ukonakala okanye ukutshatyalaliswa okungagunyaziswanga kweenkcukacha zobuqu kunye nofikelelo olungekho mthethweni okanye ulungiselelo lweenkcukacha zobuqu.

Ezi ndlela ziquka:

- Udongasikhuseli (iifayawoli);
- Isoftwe yokhuselo kwiivayirasi kunye neendlela ezilandelwa kuhlaziyo lwazo;
- Ulawulo lolandelelo nofikelelo ngqo kulwazi;
- Useto olukhusela ihadwe nesoftwe owenza iziseko ezingundoqo zeteknoloji yethu yolwazi; kunye
- Abaniki beenkonzo bangaphandle abasayiniswa izivumelwano zokulawula ukhuseleko.

Izicelo

Nasiphi isicelo sofikelelo kwiinkcukacha zobuqu, ngokwemigaqo yePOPIA, masenziwe ngokuhambelana nemigaqo ebekwe kule Manywali yePAIA.

Unelungelo lokucela ukuba kwenziwe izilungiso, kucinywe okanye kutshatyalaliswe iinkcukacha zakho zobuqu, oko ukwenza ngokusebenzisa ifomu ebekiweyo, nefumaneka kwiwebhusayithi yethu.

Usenokungakuvumeli ukulungiselelwa kweenkcukacha zobuqu, ngokuthi usebenzise ifomu emiselweyo efumaneka kwiwebhusayithi yethu.

8. IINKONZO EZINIKEZELWA YIWCGRB NJENGECANDELO LOLUNTU

8.1 I-WCGRB inikwe ezi zindululo:

- (i) Ukufumana nokuphanda izicelo zeelayiseni ezihambelana namacandelo amaninzi okungcakaza nokubheja kolushishino kwiPhondo;
- (ii) Ukuqwalasela izicelo zelayiseni; kunye
- (iii) Nokusebenzisa igunya lokumisela imiqathango yemisebenzi yokungcakaza nokubhengeza amacandelo onke nabantu abanikwe iilayiseni yiWCGRB.

8.2 Ngolu hlobo, iWCGRB inikezela ngeenkonzo kwiPhondo, kwishishini lokungcakaza nakuluntu, ukuqinisekisa oku:

- Ngokweziphumo zophando oluqhutywe ngokusemthethweni ukuqwalasela isidima nobunyani obufuneka kulo mba, ngabantu abafanelekileyo abanokunikwa iilayiseni zokuthatha inxaxheba kolu hlobo loshishino.
- Ngokusebenzisa inkqubo yokongamela ushishino ngeelayiseni zokungcakaza, kuqwalaselwa iindlela zokusebenza ngeelayiseni ngokweemfuno ezichaziweyo neenkqubo ezisebenza ngendlela efanelekileyo noluntu.
- Ngokumiselwa kwemiqathango yeemeko yelayiseni ethi, abanini zilayiseni bayayithobela kwaye bahambisana nemiba abayivumayo, okanye ezinye iimfuno ngokumiselwe okanye ezichazwe yiWCGRB ngokusebenza ngendlela ezinikeleyo kuxanduva lokusebenza noluntu.
- Ngokusebenzisa uphando oluqhubayo nolusebenzisa isiseko somthetho onesingqi esinye nohambelana nenqanaba lophuhliso lobuxhakaxhaka balamaxesha
- Ngokunyanzeliswa komthetho, imisebenzi yokungcakaza ngokungekho mthethweni iyafunyanwa kuze kutshutshiswe abamele kukutshutshiswa
- Ngokusebenzisa imigaqo efanayo lonke ixesha nengaguqukiyo nokucokisisa ushishino olusebenza kwimeko ezinzileyo nethembakeleyo.
- Ngokuqhuba uphicotho oluqhelekileyo noluneenkukacha ezingqinela ukungqamana neziganeko zabaneelayiseni ezithe zafunyanwa zaze zalungiswa ngendlela eyiyo nefanelekileyo

- Ngokusebenzisa uphicotho-ncwadi oluqhelekileyo nolupheleleyo kunye nophicotho-mali, iirhafu neentlawulo ekumele zihlawulwe ngenxa yegunya lerhafu kwiphondo zibalwa ngokuchanekileyo zize zihlawulwe ngexesha.
- Ngokuzimasa iinkomfa zikazwelonke nezamazwe ehlabathi nemicimbi enxulumene noshishino kulo mba kunye neenkqubo zoqeqesho lwangaphakathi ngokubhekisele kwabo bathe bazibophelela ekuthini iWCGRB igcinwe ihambelana nophuhliso lwamva nje kolu shishino.

8.3 Ukuzikhuphela ngaphandle

Abasebenza ngokukhutshwa kweelayisenini zokungcakaza nabasebenza kwakule nkqubo baye basebenzise inkqubo yokuzikhupha ecaleni ngozicelela ukukhutshelwa ngaphandle xa kumiselwa ilayisenisi yokungcakaza. Inkqubo yokuNgcakaza ngeNdlela Efanelekileyo kuZwelonke inomnxeba wefowuni-oluncedo ngonyango nengcebiso kubantu abanengxaki yokungcakaza. Umntu angaqhakamshelana nale nombolo yomnxeba osimahla 0800 006 008.

Kungadityanwa neGosa loLwazi lweWCGRB okanye iOfisi yeWCGRB ngokunxulumene nokufikelela kwezi nkonzo zichaziweyo. Kungajongwa kwiwebhsayithi yeWCGRB malunga nalo mba. Nceda ujonge umhlathi 3 ngasentla ukufumana iinkcukacha zonxibelelwano ezifanelekileyo.

9. IINKQUBO ZOKUTHATHA INXAXHEBA KOLUNTU UKWAKHA UMGAQONKQUBO OKANYE UKUSEBENZISA AMANDLA NENDLELA YOKUSEBENZA (IMISEBENZI)

- 9.1 Umthethommiselo kwiPhondo umema izimvo zoluntu xa kuthe kwaphakanyiswa izihlomelo ngokuNgcakaza eNtshona Koloni noMthetho weMidyarho neMiqathango. IWCGRB imema izimvo zoluntu ngezihlomelo eziphakanyisiweyo ngokweMigaqo yeWCGRB.
- 9.2 Xa kucingwa ngokuwonga abantu ngelayisenisi zokungcakaza, iWCGRB ibandakanya uluntu kwinkqubo enjalo, ngoku:
 - 9.2.1 Papasha Izicelo zelayisenisi kwiGazethi yePhondo namaphephandaba ajikeleza kwisithili/ ummandla ongqamene nombala; kunye
 - 9.2.2 Namaqela anomdla ayamenywa ukufaka izimvo ezibhaliweyo ezichasa okanye ezihlomla ngezicelo zelayisenisi. Xa kunokwenzeka ukuba iWCGRB ithathe isigqibo sokubamba iintlanganiso Zoluvo Loluntu ngokwemiba yokufakwa kwesicelo selayisenisi, uluntu luyamenywa ukuze lwenze intetho ngembono zalo kuloo ndawo yokuhlolwa koluvo.
- 9.3 Ukongeza kwimiba engentla, amalungu kawonkewonke angenza izinikezelo nangaliphi na ixesha kwiWCGRB mayela nendlela yokuziphatha komntu okanye icandelo elilawulwa ngokweWCGRB. Uluntu lusoloko lukhuthazwa ukuba lungenise iziphakamiso zomgaqonkqubo okanye ukutshintshwa komthethommiselo. Ezi ziza kuqwalaselwa yiWCGRB, eyakuthi icebise Ilungu elinoluxanduva ngeenjongo zokuhlomela umthethommiselo.

10. IINDLELA EZIKHOYO ZOKULUNGISA IMIBA YOKUNGAHAMBELANI NEPAIA

10.1 Kungenzeka angoneliseki sisigqibo seWCGRB, ngokwemiba yeCandelo lama-78, angafaka isicelo sokuxoliswa ngokufanelekileyo eNkundleni.

10.2 Umceli ongoneliswa sisigqibo segosa lolwazi lequmrhu likarhulumente, ekuthethwe ngalo kumhlathi (b) wengcaciso “yequmrhu likarhulumente” kwicandelo loku1 lePAIA,

- (i) Sokungavumi isicelo sofikelelo; okanye
- (ii) esithathwe ngokwecandelo lama22, 26 (1) okanye 29 (3),

unokuthi, ngokweCandelo 77A lePAIA, zingedlulanga iintsuku ezili180 emva kokuthathwa kwesigqibo, afake isikhalazo, etyhola ngokuba eso sigqibo besingahambelani nePAIA, sikhalazo eso aya kusifaka kuMlawuli woLwazi ngendlela nefomu emiselweyo, ezicaciswe phantsi kwesiHlomelo A, nalapho afuna khona uncedo olufanelekileyo.

10.3 Umntu wangaphandle ongoneliswa sisigqibo segosa lolwazi lequmrhu likarhulumente ekuthethwe ngalo kumhlathi (b) wengcaciso “yequmrhu likarhulumente” kwicandelo loku1 lePAIA, sokuvumela isicelo sofikelelo unokuthi, ngokweCandelo 77A lePAIA, zingedlulanga iintsuku ezili180 emva kokuthathwa kwesigqibo, afake isikhalazo, etyhola ngokuba eso sigqibo besingahambelani nalo Mthetho, sikhalazo eso aya kusifaka kuMlawuli woLwazi ngendlela nefomu emiselweyo, ezicaciswe phantsi kwesiHlomelo A, nalapho afuna khona uncedo olufanelekileyo

11. UKUFUMANEKA KWEMANYUWALI

Le manyuwali iza kufumaneka kwiwebhsayithi yeWCGRB: www.wcgrb.co.za ngeelwimi ezintathu ezisemthethweni zeWCGRB ukuze ifundwe luluntu ngethuba leeyure eziqhelekileyo zomsebenzi.

12. INTLAWULO EMISELWEYO – IMIBUTHO YOLUNTU

La maxabiso entlawulo abekwe kwisiHlomelo “B” amiselwe kwiMiqathango aze asasazwa ngokwemiba yePAIA kwaye kufuneka kuhlawulwe ngumceli ngaphambi kokuba kukhutshwe amaxwebhu aceliweyo.

Ngaso nasiphi na isicelo esifuna iiyure ezingaphezu kwezintandathu ukuze kufikelelwe kuso okanye ukusilungiselela ukuze sivezwe, umceli uhlawula isithathu sentlawulo ngaso njengediphozithi, ngokweCandelo lama22(2) ePAIA. Kuhlawulwa eyona mali yeposi xa ikopi yoshicilelo kufuneka iposelwe kumceli.

ISIHLOMELO A

IINGCACISO

Igama	Ingcaciso
Umthetho	Uthetha uMthetho wesi4 ka1996 wokuNgcakaza nemiDyarho eNtshona Koloni
Intlawulo yoFikelelo	Intlawulo emiselweyo yokuveliswa ngokutsha kunye nokukhangelwa kwanokulungiswa; ngokunjalo nexesha elifanelekileyo elifunekayo ngaphaya kweeyure ezimiselweyo zokukhangelwa nokulungisa irekhodi eza kuboniswa.
Inkundla	<p>(a) iNkundla yoMgaqosiseko esebenza ngokwecandelo 167 (6)(a) loMgaqosiseko; okanye</p> <p>(b) (i) iNkundla ePhezulu okanye enye inkundla ekumgangatho ofanayo; okanye</p> <p>(ii) iNkundla kaMantyi yaso nasiphi isithili okanye yayo naliphi icandelo lengingqi elisekwe nguMphathiswa ngenjongo yokugweba amatyala embambano ngokwecandelo lesi2 loMthetho ka1994 weeNkundla zeeMantyi (uMthetho wama32 ka1994), nokuba ngokuthe gabalala na okanye ngokoluhlu oluthile lwezigqibo ngokwalo mthetho, olubekwe nguMphathiswa ngesaziso kwiGazethi lwaza lwagwetywa yimantyi, enye imantyi okanye imantyi yecandelo lengqingqi elisekelwe ukugweba amatyala embambano, nokuba kokuphi na, kubekwe ngokwecandelo 91A, ngaphakathi kwemida yaloo nkundla-</p> <p>(aa) sibe sithathiswe isigqibo segosa lolwazi okanye abasemagunyeni abafanelekileyo bequmrhu likarhulumente okanye intloko yequmrhu labucala;</p> <p>(bb) iqumrhu likarhulumente okanye elabucala elifanelekileyo linendawo yalo engundoqo yolungiselelo okanye yoshishino; okanye</p> <p>(cc) umceli okanye umntu wangaphandle ofanelekileyo ozinzileyo okanye umhlali wesiqhelo.</p>
Igosa lolwazi	Lithetha uMlawuli oyiNtloko weWCGRB okanye umntu obambeleyo.
